

Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric



Collected and collated by
teachme2

Confidential



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2024

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 3

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

- Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

- Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
- Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
- Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
- Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
- Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.
- Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80
- Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
- Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
- Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340–390.

UMBUZO 1

- | | | |
|-----|-----------------------------------------|------|
| 1.1 | Lalisenza izinto zamehlo elethu iqela | [50] |
| 1.2 | Indalo nezinto zayo | [50] |
| 1.3 | Ulilandele ke wethu igama lakhe | [50] |
| 1.4 | Kuswiti nencindi yekhala apho | [50] |
| 1.5 | Uthando luyonwabiswa lulilisa kananjalo | [50] |
| 1.6 | So-o-onke sikhe sixakwe | [50] |

Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. Nombola impendulo yakho ngolu hlobo (1.7 okanye 1.8).

1.7

[Uthathwe ku<https://fiftyflowers.com/blogs/diy-flowers>]

[50]

1.8



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta uvuyisane nesizalwane sakho esifumene umsebenzi.

[25]

2.2 UDLIWANONDLEBE

ULutho ungumfundi onomdla wokufumana ulwazi malunga nendlela afumaneka ngayo amandla okuphumelela, ukukhuthazeka, ukungatyhafi, nokungazoyikiseli. Udlana indlebe noSinako ongumdlali ophume phambili kutshanje kwimidlalo yeParalimpiki.

Bhala udliwanondlebe oluza kwenza uLutho afumane ulwazi alufunayo kuSinako.

[25]

2.3 INTETHO

Izikolo zinengxaki yokucalulana kwabafundi. Wena unamava okusombulula ukucalulana kuba ubungomnye kwigqiza ebelisombulula le ngxaki kwisikolo enimelene naso.

Bhala intetho yokunika iingcebiso ngeendlela zokuphelisa ukucalulana ezikolweni.

[25]

2.4 I-IMEYILE

Ungumhlali, bhala i-imeyile ebulela unogada ngokubhaqa, abambise abantu abenza oosingasiselo abanobungozi kwinginqi yenu.

[25]

2.5 INGXOXO YABABINI

UBalungile uyimele imbono yokuba izikolo mazikuyeke ukunyanzela abafundi ngokuthetha isiNgesi kuphela esikolweni, ngeli xesha uKungawo esithi abafundi mabanyanzeliswe bathethe isiNgesi sodwa esikolweni.

Bhala le ngxoxo iphakathi kukaBalungile noKungawo.

[25]

2.6 INGXELO ENGEKHO SIKWENI

Bhala ingxelo oyinika usapho lwakho njengomquuzeleli wohambo lokuya kuchitha iiholide zalo zokuphela konyaka.

Ingxelo yakho mayiquke: Injongo yohambo, osele ukwenzile, okufumanisekileyo okuhambelana nenjongo kunye neengcebiso ngohambo.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B:
AMANQAKU EWONKE:

50

100